## INKQUBO EHLANGANISIWEYO YOPHUHLISO LWEENDAWO ZOKUHLA (IRDP)

### 1 OKUFUMANAYO

Olu Ncedo lwenkxaso lungasetyenziswa ekufumaneni umhlaba,ekunikeni iziza iinkonzo kwanokwakha amakhaya. Olu Ncedo kooMasipala ngokwendlela yeprojekthi.

| | |
|---|---|
| R0 – R3 500 (Abantu abangakhubazekanga) | R160 573 - abafanelekileyo kwinkonzo isiza nama40m$^2$ eem itha indlu. |
| R0 – R3 500 (Abantu abakhubazekileyo) | R160 573 nokungavani ngokukhubazeka |
| R3 501 – R7 000 | Abantu abangenamfaneleko wokufumana imali-mboleko yokwakha ikhaya bangafumana Isiza esinikwa iinkonzo mahala. |

### 2 OKUDINGAYO UKUZE UFANELEKE

Ulufanele olu ncedo lwenkxaso wakuba:

- Ubhalisiwe kwimbango yeenkcukacha zezindlu ezikumasipala wakho okufuphi kuwe.
- Ungummi woMzantsi Afrika okanye unempepha-mvume zokuba ungumhlali osisigxina.
- Uneminyaka eli18 nangaphezulu.
- Utshatile okanye uhlala neqabane.
- Akutshatanga okanye wahlukene nomtshato kwaye unabantu abavunyiweyo ukuba baxhomekeke kuwe ngokwasemalini yaye bahlala nawe isigxina.
- Umvuzo wakho uphakathi kweR0 ukuya kuma R7 000 ngaphambi kokuba kutsalwe.
- Wena neqabane lakho aningobanini-propati bakutshanje okanye banga- phambili.
- Wena neqabane lakho anizange nafumana luncedo lwenkxaso kuRhulumente ngaphambili.
- Ngaphahambili ungafaleka ukuba ufumane isiza esingenamntu

Nceda qaphela ukuba ukubekwa phambili kuza kunikwa abo bafaki-zicelo baneminyaka engama-35 nangaphezulu, okanye nabanezidingo ezizodwa (umzkl abantu abakhubazekileyo)

### 3 USIFAKA NJANI ISICELO

Olu Ncedo lwenkxaso lubonelelwa ngokusekelwe kwiprojekthi hayi akusetyenzwa ngomntu ozimeleyo.